

Konke kuqala ngebali...



Izinto Eziyimfuneko

Amacebo wokubalisa amabali

Ukufunda ibali nabantwana ukuze nonwabe kudala umanyano kwaye kuyafundisa. Kodwa, ubusazi na ukuba ungenza izinto ezilula ezandisa amava ebali ebantwaneni bakho kwaye zibenze bafunde lukhulu? Nanga amacebo athile wokukunceda ukwenze oku. Zama icebo libe linye ngexesha. Jonga ukuba ngawaphi akusebenzela ngcono wena nabantwana bakho.

Iingoma nezandi eziyeleleneyo

Cula iculo okanye utsho isandi esayamene noko kuqulathwe libali.

Bacele ukuba benze intelekelelo

Njengokuba ufunda, nceda ekuphuhliseni izakhono zabantwana bakho zokwenza intelekelelo ngokubuza ukuba, 'ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni?'.

Milisela unxulumano lweemvakalelo nolwazi

Khuthaza abantwana ukuba baveze iimvakalelo nezimvo zabo kwaye ubenze bacinge kwaye basombulule iingxaki ngokubuza imibuzo efana nale 'ubuyakuziva njani ukuba ibinguwe?', 'ucinga ukuba ibiyinto efanelekileyo ukuba uyithethe okanye uyenze?', kwaye 'ukuba ibinguwe ubuyakuthini/ubuyakwenza ntoni?'.

Yiqwalasele imifanekiso

Cela abantwana baqwalasele iinkcukacha ezithile kwimifanekiso. Yitsho babale, bachaze, bakhangele okanye batolike abakubonayo emifanekisweni.

Ukuzoba

Mema abantwana abancinane ukuba bazobe umfanekiso wenxenye yebali abayithande kakhulu. Cela abantwana abadala bazobe imephu yendawo elenzeka kuyo ibali. Ukuba abantwana bafuna ukuzoba into eshenxileyo ebalini, njengesiphelo esitsha, okanye ukuba bafuna ukuzizoba bona bengabalinganiswa ebalini, kukhuthaze nako oko.

Yenza uvavanyo lwencwadi

Buza abantwana ukuba yintoni abayithandileyo ngencwadi kwaye ingaba kukho into abanqwenela ukuba ngeyenzeke ngenye indlela na.

Linganisa

Linganisani ibali okanye inxenye yalo ninonke. Okanye, nxibani nenze ngathi ningabalinganiswa bebali kangangeyure okanye ezimbini!

Abantwana mababhale

Yithi mababhale ileta okanye babhale i-imeyile eya kumbhali, bayithumele nyhani! (Ungakwenza oku ngokuthumela ileta kumshicileli wencwadi, yena oyakuyigqithisela kumbhali) Babonise ukuba babhale umbongo bechaza omnye wabalinganiswa bencwadi okanye babhale uvavanyo lwencwadi baze babonisane nabahlobo.

Zenzeleni iincwadi

Songa amaphetshana ambalwa wenze incwadi ukuze nabantwana bakho bazenzele ezabo iincwadi. Bakhuthaze ukuba bazobe imifanekiso. Nceda abantwana abancinane bagqibezele iincwadi zabo ngokubhala la magama bakuxelela wona ngomfanekiso ngamnye. Yeka abantwana abadala bazibhalele. Bacele bazame ukuzipelela amagama bona ngokunokwabo kwaye uzincome iinzame zabo zokupela. Ukuba bacela uncedo, lunike. Bakhuthaze abantwana bakho ukuba bazifunde iincwadi zabo kwaye babonisane nabanye!